

Ekhaya/kwishishini

- o Yivale impompo xa uhlamba ubuso, uxukuxa okanye ucheba iindevu.
- o Xa usebenzisa ishawa imizuzu emihlanu ngosuku xa uhlamba, endaweni yokusebenzisa ibhafu, usebenzisa amanzi asisinye esithathwini kulawo ubunokuwasebenzisa xa uhlambela ebhafini, ngolo hlobo ube wonge iilitha ezingama-400 ngeveki.
- o Xa usebenzisa ishawa usebenzisa iilitha zamanzi ezingama-20 ngomzuzu.
- o Ukuba uthanda ukuhlambela ebhafini, ungayigcwalisi qhu ibhafu.
- o Xa uhlambela ebhafini usebenzisa iilitha zamanzi eziphakathi kwama-80 ne-150 ngebhafu nje enye.
- o Sebenzisa iintloko zeshawa eziwakhupha kancinci amanzi, izixhotyana zokugungxula kwindlu yangasese ezigungxula ngeendlela ezimbini kunye noomatshini bokuhlamba abangasebenzisi manzi kakhulu.
- o liketile mazingagcwaliswa kakhulu, mazigalelwe amanzi aza kusetyenziswa ngelo xesha. Oku kunceda nokuba kungasetyenziswa umbane ngaphezu kwemfuneko.
- o Musa ukuzigcwalisa kakhulu iimbiza zokupheka, njengoko oku kunokubangela ukuba usebenzise umbane omninzi ukwenza amanzi ukuba afudumale.
- o Ukuphungula umthamo wamanzi asetyenziswayo xa kugungxulwa kunganceda konge amanzi angama-20%. Oku kungenziwa ngokuba ufake kwitanki lokugungxula ibhotile eyi-2 / yesiselo uze uyigalele amanzi kunye nesanti encinci ukuze ibe nobunzima.
- o Zilungise iindawo ezivuzayo kwimibobho yendlu yangasese ngapha koko ungazibona ulahlekelwa ngamanzi azilitha ezingama-100 000 nkonyaka nje omnye.
- o Musa ukugungxula nokuba akukho mfuneko. Zilahle emgqobeni izinto ezifana namaphetshana amdaka, izinambuzane nenye inkunkuma endaweni yokuba uyigungxulele kwindlu yangasese. Rhoqo xa ugungxula, usebenzisa iilitha ezili-12 zamanzi.
- o Sebenzisa amanzi asele esebenzile – umzekelo, amanzi ebekuhlanjwa ngawo ngabantu, ebekuhlanjwa ngawo iimpahla ngomatshini namanye anokusebenziseka kwakhona – ugungxule ngawo.
- o Musa ukugcwalisa iqula lokudada lakho kakhulu okanye ulitshintsha-tshintshe amanzi rhoqo.
- o Sebenzisa ibhakethi endaweni yethumbu xa uhlamba imoto. Xa usebenzisa ithumbu lifake intloko enempompo oza kumana uyivala ngoku uhlamba imoto. Ukusebenzisa ithumbu kungatya iilitha ezingama-30 zamanzi ngomzuzu.
- o Musa ukugalela ipeyinti nekhemikhali kwimibobho yamanzi.
- o Amafama mawaqinisekise ukuba amachiza okubulala izinambuzana awasondeli kwiindawo ezihlala amanzi okanye imijelo yamanzi.
- o Imizi-mveliso kufuneka iyithathele ingqalelo indlela ewalahlala ngayo amanzi anemekyuri nezinye iikhemikhali ezinobungozi ezifana nayo.
- o Abantu abahlala kwiindawo ezisemaphandleni nabo kufuneka balumke bangasebenzisi imilambo neentlambo njengezindlu zangasese.

Esitiyeni

- o Izityalo zakho zinkcenkceshele ekuseni okanye ngorhaya, xa amaqondo obushushu epholile. Phakathi kwentsimbi ye-10:00 neye-15:00 ungalahlekelwa ngamanzi angama-90% ngokuba ajike abe ngumphunga.
- o Rhoqo xa ubilisa iqanda, wacine amanzi, xa sele epholile unkcenkceshele ngawo iintyatyambo zakho ezisendlwini. La manzi anezichumisi eziphuma kumaqokobhe amaqanda.
- o Tyala izityalo ezizinkulelane zize zona ezo zingezonkulelane zibe zezi zingasebenzisi manzi kakhulu (kodwa ingabi zezi zitshabalalisa ezinye izityalo.)
- o Izityalo zityale uzihlele ngokwendlela eziwasebenzisa ngayo amanzi kwaye usebenzise nezigcina-kufuma ecaleni kwazo.
- o Musa ukusinkcenkceshela rhoqo isitya sakho, kodwa xa uthe wenza njalo sinkcenkceshele ngokufanelekileyo. Ukusebenzisa ithumbu lokuncenkceshela kungasebenzisa amanzi azilitha ezingama-30 ngomzuzu.
- o Zisuse izityalo ezingezonkulelane ezitshabalalisa ezinye kwiyadi yakho.
- o Amanzi emvula angaluncedo ngokuba agcinwe ematankini, asetyenziselwe ukuncenkceshela.
- o Sebenzisa amanzi asele esebenzile – umzekelo, amanzi ebekuhlanjwa ngawo ngabantu, ebekuhlanjwa ngawo iimpahla ngomatshini namanye anokusebenziseka kwakhona – unkcenkceshele isitya sakho ngawo.



**government
communications**

Department:
Government Communication and Information System
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA